Isalathiso: 20211111-7608
Inombolo yefayili: 13/8/3
Imibuzo: B Calvert

INgcaciso eMfutshane yoLawulo lweeMviwo: 0020/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kuBafundi, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nezeSatifikethi seMatriki

Isihloko: Imigaqo yolawulo lwePhepha 2 loMculo (*Music Paper* 2 (P2)) (*Comprehension*) leemviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke neSatifikethi seMatriki zango-2021

1. Uviwo lwe-*Music P2* (*Comprehension*) luya kubhalwa nge-06 Disemba 2021. Amaphepha emibuzo aya kuthunyelwa kwiveki ye-01 Disemba 2021 kwaye aya kuhamba ne-*music compact disc* (*CD*) equlethe ii-*tracks* ezahlukeneyo.

2. I-*CD* yomculo iya kupakishwa ngokwahlukeneyo kwiphepha lemibuzo ngaphakathi kwimvulophu enesikhuselo (*padded envelope*) yaye emva koko ipakishwe ngaphakathi kwiibhokisi zekhadibhodi ezibrawuni eziqulethe ii-*Smartlock bags*.

3. Iibhokisi zekhadibhodi ezibrawuni mazivulwe ngokukhawuleza zakufunyanwa kwi-ofisi yenqununu/yomgadi wabaviwa oyintloko, ekwindawo enqatyisiweyo, ukwenzela ukungqinisiswa komthwalo.

4. Ii-*Smartlock bags* zeseshoni, eziqulethe amaphepha emibuzo, ezihamba nemvulophu enesikhuselo, mazigcinwe ke ngoko ngokukhawuleza kwisefu/kwigumbi elinqatyisiweyo.

5. Ukulungiselela ukuyivavanya, i-*CD* yomculo mayikhutshwe kwisefu/kwigumbi elinqatyisiweyo kuphela **kwiintsuku ezintathu phambi** koviwo, ukususela nge-**01 ukuya kwi-03 Disemba 2021.** Utitshala wesifundo soMculo makavavanye i-*CD* yomculo, kwisixhobo somculo esiya kusetyenziswa ngethuba loviwo kukho umgadi wabaviwa oyintloko. I-*track* nganye mayivavanywe. Ukuba i-*CD* yomculo inesiphene, kucelwa udibane no**Mnu C Berry ngokukhawuleza apha 021 467 2265**.

6. **Ngosuku loviwo**, le migaqo yolawulo loviwo lo-*Music P2* ilandelayo mayilandelwe ngokungqongqo:

6.1 I-*CD* yomculo ne-*CD player* mazivavanywe kwakhona. Olu vavanyo malwenziwe kwiyure phambi kokuba kuqale uviwo. Kucelwa uqinisekise ukuba utitshala, oya kusebenzisa i-*CD player*, uyayazi indlela esetyenziswa ngayo.

6.2 Iphepha lemibuzo linika imiyalelo ecacileyo yokuba **mazidlalwe kangaphi na ii-*tracks*** kwaye akukho kunxaxha kuya kuvunyelwa. Abaviwa abasayi kucela ukuba ii-*tracks* maziphindwe ngaphezulu kwamaxesha amiselweyo.

6.3 Bonke abaviwa mabahlale kwigumbi loviwo ngexesha elimiselwe uviwo, kungakhathaliseki nokuba balugqibe uviwo phambi kokuphela kwexesha.

6.4 Uviwo maluqhutywe phantsi kolawulo lomgadi wabaviwa oyintloko.

7. Kucelwa wazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kutitshala/kootitshala bomculo nakumgadi wabaviwa oyintloko ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU- H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2021-11-18